URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Jenny Williams**
ICandelo laMalungelo aVela kwiNkonzo
Jenny.Williams2@westerncape.gov.za | 021 467 2031

Inombolo yefayili: 3/3/R
Isalathiso: 20230227-1923

ISetyhula: 0005/2023
Umhla wokuphelelwa: 03 Januwari 2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela Balawuli, kwiiNtloko zamaziko emfundo nakwimibutho yabaqeshwa eyaziwayo

Isishwankathelo esifutshane: *Ukulawulwa kwenkqubo yokwenziwa komsebenzi (ukuvalwa kwee-ofisi) ngethuba leeholide zokubhiyozela ukuphela konyaka ngo-2023.*

**Isihloko: Ukulawulwa kwenkqubo yokwenziwa komsebenzi (ukuvalwa kwee-ofisi) ngethuba leeholide zokubhiyozela ukuphela konyaka ngo-2023.**

1. Ngokungqinelana nesigqibo sikaRhulumente weNtshona Koloni sokuba isebe lephondo ngalinye malimisele inkqubo yokwenziwa komsebenzi ngexesha leeholide, kuthathwe isigqibo sokuzivala ii-ofisi zeSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i-*WCED*) ukususela ngowe-**27 Disemba 2023 ukuya kowe-03 Januwari 2024** (iintsuku zomsebenzi ezintlanu), ngaphandle kwamagosa awenza imisebenzi ebalulekileyo.

2. **Bonke abaqeshwa mabaqaphele ukuba iintsuku zabo ezabelwe ikhefu lonyaka ziya kusetyenziselwa** (iintsuku ezintathu kumjikelo wekhefu lonyaka ka-2023 kunye neentsuku ezimbini kumjikelo wekhefu lonyaka ka-2024) **ukuthatha iintsuku zomsebenzi ezintlanu** yaye iifom zekhefu mazingeniswe njengesiqhelo.

3. Eli thuba lokuvalwa kwee-ofisi ligcinwe lalifutshane kangangoko, kodwa lizilungiselela ngeyona ndlela ibhetele iimfuno zeSebe i-*WCED*.

4. Kucelwa nikubeke phambili ukugqitywa kwayo yonke imisebenzi emayingeniswe neyokugqityezelwa kwezicwangciso ngethuba eliphakathi kokuvalwa kwaqho ngonyaka kwezikolo nokuvalwa kweSebe i-*WCED* ukuze sibenako ukubuyela emsebenzini ngowe-04 Januwari 2024, sikulungele ukumelana nemingeni yonyaka omtsha.


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department

5. Ukuba kungakho nawuphi na umqeshwa okuchasayo oku kungasentla okanye ukuba kukho imfuno yokwenziwa komsebenzi ukulungiselela abaqeshwa abathile ukuba babesemsebenzini ngethuba lokuvalwa kwe-ofisi, inkcazo yezizathu ezivokothekileyo mayithunyelwe kuMlawuli oyiNtloko ochaphazelekayo ukwenzela ukuba athathe isigqibo ungadlulanga owe-**30 Juni 2023**.

6. Izigqibo ezikhankanywe ngasentla mazaziswe uMlawuli oyiNtloko weCandelo loLawulo lweMicimbi yaBasebenzi ungadlulanga owe-**31 Julayi 2023** noya kwazisa iNtloko yeSebe leMfundo malunga nazo naziphi na iimeko ezingaqhelekanga emaziqwalaselwe.

7. Kucelwa wazise okuqulethwe yile setyhula bonke abaqeshwa ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-B WALTERS
**INTLOKO YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2023-03-16